

# IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

[IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]

[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.]

'IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN^NGOLWESI-TATU, MARCH 3/1886.

[No. 70.]

## MAMFENGU! MAMFENGU!

PAULANI OKU!

Lo ugama lingezantsi unika  
Amaxabiso apezulu Ngo Boya,

Zenkomo nempahla emfutshane,

Kwivenkile zake ezise  
MBIZA, e Mtwaku nase Lu-  
xwesweni kwa BLAYL

Into eyimpahla yevenkile itengiswa ngamaxabiso apantsi xa  
itengwa ngemali kuzo zonke ezindawo.

Kwakona kwivenkile yakwa Blayi utengisa I GUSH A ezi  
600, NENKOMO ezi 50.

THOS. MORIARTY.

Blyth Station, Fingoland.

2tc

Ibhunga Elipete Isitili sase Qonce.

Irafu. yendlela yonyaka we 1886.

KUYAZISWA ngo Mteto 10, wo 1864, no Mteto 9 wo 1858,  
nkuba Igqugula Elipete Imicimbi yesi sitili ebe- lihlangene ngo 12  
February, 1886, ligqibe ekubeni Irafu Yendlela yonyaka we 1886  
ibe yi (Id) Halufa ye Peni, kwi- ponti nganye elixabiso leziza nefam  
ezirolelwa irafu yendlela.

Lemali iyakusebenza ezizinto :—Ukulungiswa kwe Ndllela-  
ndlela zesitili (Id.) yi Falintyi; Ohola be Ndllela (Id.) Isiqi- ngata-  
Sesibhozo Sepeni; Ukususwa ko-Mqolodiba neminye imicimbi ye  
Bhunga kwa Qd.) Isiqingata sesibhozo.

Lerafu ke iyakuqala ukuhlulwa kwi Ofisi ye Bhunga apa e  
Qonce ngo 24 MARCH, 1886.  
Ngomyalelo,

H. T. FULLER, Unobhala.

GCINANI.—Isigendu se-40 so Mteto 9, wo 1858 siti: Xa Ibhunga  
le sitili lazisile kwi pepa lako Mkulu, eliyi *Government Gazette*,  
usuku efanele ukubhatalwa ngalo Irafu, wonke omelwe kuyi rola lo  
Rafu makayihlaule kumntu omiselwe li Bhunga ukuba ihlulwe  
kuye ngalomhla mhlaumbi ngapambili mhla omiselweyo, ukuba  
kuko ongafinyeleliyo nemali, jnangalelwa ngokomteto. 3t/O

ISAZISO u AMOS THOMAS,

UYAZISA UKUBA UVULE

Ikaya Labantsundu, e-Qonce

E Smith. Street, ngezantsi ko Mr. E. J. BOXALL.

APO wonke nbani ayakafinmana amalngelo eixaso nendawo yokulala. Ubiza amanani alnla. Kuko  
isitili esihle, nomgcini xnahashe nhlleli eliudele. Metsho, Bahambi kanize nipose amehlo apa bo  
King William's Town, 10th November, 1885. AMOS THOMAS.

Amayeza ka Cook Abantsundn.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- lise  
lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nkusazazo. 1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6  
ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.

9d. ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lepalo.

1/6 ibotile.

Ezika, P'OOK

1/ ngeookisana. Ipils-

Eka

COOK Incindi Yezinyo.

6d. ngebotile..

Oka

COOK Umciza Westepu Sabant- wana.

6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d

ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igatna ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

KWA G. WHITAKER, kwivenkile  
etengela nentwana ezincinane kuko,  
kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento  
ezinjalo, Uingubo, neswekile, njalo-  
njalo, njalo- njalo.

## Kukululekile.

### Asibizi 'Nto

Ngokuba ubani eze kubona Atnabala nga-  
mabala amahle e

Mpahla enxitywayo I Qiya  
ezintsha Izihlangu ze  
Lastike Izihlangu  
ezibotshwayo Izilipari ezine  
Lastike Ikwiliti  
ezimabalabala (zitengiswa  
tshipu)  
Ikwiliti ezimhlope zintle  
Ikeleko edla 2Jd. nge yadi  
Iprinti ze 3d. yadi

Zonke ke ezimpahla zezi  
tshipu ngapezu koko zaka zakuko  
e venkileni ka

W. O. GARTER &  
Go.

Maclean Square,

E-QONCE.

## Gqalasisani Oku.

U Mr R. W. ROSE-INN ES, Umte-  
teleli Ematyaleni, ufudukile kwi Ofisi apa  
zake ezise Downing Street, ukwe- zintsha  
ngoku e CATHCART STREET ngako  
Messrs. GEO. B. CHRISTIAN & Co.  
(Umqatukazi).

qq. R. W. ROSE-INNES.  
CHARLES ROSE-INNES.

33t47

NALI ITAMSANQA BANTU ABANTSUNDU!

TENGENA IF AM

## FORT MERRIMAN,

Inotyani nangexesha lokubalela. Inenkuni into  
eninzi.

Yizani kuyikangela nibuze inani layo ku Mr. BOUSFIELD,  
Umteteleli e Stutterheim (Dohne), e Cumakala. 214w

H. B. M. HOWARD, Umteteleli

Kwinkundla Yamatyalala, Umlungiseleli

wetaitile nokwabiwa kwamafa. Uguqula itaitile.

Uligosa Lebandla elincedisa ngemali eku- tsheni  
kwezindlu nokuxaswa komntu ebudale- ni, lase Kapa.

### E-QONCE.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi

kwe ofisi ngase mcancatweni.

dAiUSGROVH

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU

YENDLU,

Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO.,

E QONSTCE.

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali  
encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito  
eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye

Ivenkile entsha yebhekile nezitya zentsimbi

## A. STRUTHERS,

Smith Street, King William's Town,  
Utengisa intlobo zonke zebhekile, nezikotile.

Yiyona ndlu itshipu apa e Qonce.

Lempahla uyenza ngokwake, mabaqiniseke ke abantu ukuba yomelele yenziwe kakhule lonto uyayimela.

Kanize kuncama kuye ngapambi kokutenga nakuyipina indlu. Izisulu kuye wonke.

Unomgubo olungileyo, Izonka, Iswekile, Ikofu, Uqolwane (Tea), Into-ezimnancli, Izibane, Isepa, Icuba, Imatshisi, Inqa- wa, Iparafine, Nelampu. Zonke ngamanani apantsi kanye.

IMTO TENU.

ILIZWE LA MAMFENGU

IVENKILE E JOJOSI.

## IVENKILE KA MAVELETSHONA.

Ukuba ubuza ukuba yiyipina IVENKILE ELUNGILEYO kulo lonke ela Mamfengu, angatenga kuyo konke okunokukankanywa—nemaxabiso angadanisiyo—kuba inika ama-nani alungileyo

Nge zikumba, ngo Boya; nayo yonke into elinywayo. Nge Gusha, na Mahashe, ne Bhokwe ; Ihangu ne Nkuku. Y izani nazo ziyakutengwa ngu

P. H. POTTOR.

ELE-SIXHOSA NGU MAVELETSHONA.

Nalo learn lako.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafina ukutenga nokutengisa, e- Town Hall, Kwisitona esing a pantsi ese-

titatu, No. 3, Kivinkundla ye marike, E-QONCE. —

Uhala aba cento eninzi yombona, na Ma- aimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo I njalo, ayitengisa tshipu.

Amasabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitunele kuma. j calana onke e-Koloni.

Unombona opihle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

## EDWARD KELLY,

Umteteleli kwiukundla yama tyala,

Vbuta imali ezizikneliti) ayitu-1 mcle kubaniniyo kwaoko.

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwiukundla yoma- ntyi.

Umvuzo awubizayo mneinane.

I Ofisi: GALA.

I BRANDI

Elnngileyo engapitikezwe nanto zinjenga- ' manzi nezinye ezibnlulayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,  
3E3 - O If C3 E .

Iveki.

ABATABATI be *Mvo Zabantsundu*, bayaku- I njuzwa ukuba eli lixesha zifikile imalana ze nyanga ezintatu ezipela ngo 31 March, 1886, Imali ihlulwa kumagosa etu akwindawo ngendawo; abangenawo bayitumele kwi ofisi ye *Mvo*. Itunyelwa ngamapepa anoku- funyanwa eziposini. Intaulo yi 3/ ngenya- nga ezintatu xa ubani ayirole kwangapambi kokupela kwe *KwOra*; odlulelwe lixesha makazi ukuba umolwe yi 3/6 ngenyanga ezi- ntatu. Makungabiko mposiso ngalendawo. | Imali yonke itunyelwa ku J. TENGO-

IQELA elitile labafundi betu lingenelwe livuso kuba sisuke sati siza kuwabhengsaa epepeni amagama empi engekhahlali. Won\* amagama ayalungiselelwa. Ayakubhenge- zwa ngapandle kocalulo. Mayingene imali yokuza kuwakulula 1

LENDELELA yenzelwe isuka e Cawa iy\* pesheya kwe Nciba, kuvakala ukuba iyakuti

UBUDAMBA umanz'abomvu e Tyolotnq\* apo ebesoloko e^ze into enye.

U MR. KIRBY umiseiwe ukongamela ipc j no cingo e Bayi. U Mr. Wilmot unikwe ipenshini. -

KVCUME kwancamisa ukudla nonyaka e Lusutu.

IJAJI ikangelwe ukuba itete am\*ty\*]\*\* ngolwesi-Hlanu (5 March) e Bofolo, ngo Mvulo (8 March) apa e Qonce, ngongapaya Utnvno (15 March) e Monti.

U MR. WILLIAM HAY obeke ese Qonce apa usakuke abambele u Rev. H. J. Batts weba- adla le Baptist e Bayi xa atabata iholide • Kapa.

U MR. H. PVGH obiyimantyi yase Dikeni nkutshwe kanye kumsebenzi wakwa Rulu- meni ngokungayipateli kakhule inkosi yake.

UMBONA ukengaleveki igqitileyo watengi. sa nge 3/6 ngenxowa e Monti.

TUMELANI imali ye *Mvo*. Ikangelwe.

AMEHLO abafundi makake abhekiswe kwi- bala lezaziso, kwifama etengisa e Cumakala.

IJAJI e Kapa izolo zite u Bishop Jones ngu Bishop ngomteto endaweni ka Bishop Gray. Elityala leliya lalingeniewe libandla lase Trinity Church. Umteteleli wetyalike ibi- ngu Mr. Schriener, i Bishop ibimelwe ngu

KWIMIQOLO yezaziso u Mr. P. H. Pottor, abati ngoku ngu Mavel' -etshona, ucela ame- hlo otnzi wapeshaya kwe Nciba.

KUBUYE kwenziwa imigudu yokuba anga- valwa ulolwe wa Cawa ne Rini.

AMAGOSA e *Mvo* ase Rini, nase Somerses uawase Cradock ayakunjinza ukuba imali yabautu bawo ilindelwe kwakweziveki.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, MARCH 3, 1886.

IZWI LABANTSUNDU.

SIYAWUNCOMA kunene umzi wase Batenjini ngohlobo omi- se ngalo inyawo kumcimbi womhla- ba wawo. Sesisiti tina senga ngc- uba wonke umzi ontsundu uyikange- le into eyenziwayo, kuba namhla Abatembu bahleli emgaqweni we- mfanolo xa bamele amalungelo abo ekubonakalayo ukuba lo Rulumeni upeteyo ngoku uwanyatela pantsi kwenyawo. Ngomhla we 17 ku Fpbruarv. inkoliso yezibonda zase Batenjini yayihlangane kwa Ba- nuindlala ukubhunga ngelona cebo lildo lokufumana itaitile zalomhla- ba Umhlali ngapambili yayingu Rev. E. J. WARNER. Intlanganiso ibe mxelo mnye ngendawo yokuba kucelwe itaitile eyakuba yeyesizwe. Ate amadoda ukubomsa ukuba lento ayingxamele ahlanganisa imali kwaoko yokuba kutunyclwe ama- dododa e Kapa ukuya kuyilungiselela lonto. U Mr. SEM. SIGENU urole inkabi, wenienialo no Mr. HENDRICK KALIPA, U Mr. ZWEDALA urole ipo- nti eneshumi, enienjalo namanye amadoda. Kunyulwe u Rev. E. J. WARNER ukuba aye e Kapa angati apelekwe ngu Mr. E. CROUCH.

KU- gqitwe kwelokuba kubhalwe umta- Sdazo oyakwanekwa pambi kwe- nkundla\*ye Palamente oyakusayi- nwa ngabo bonke Abatembu. Intlanganiso icele u Mr. WARNER

ukuba abbalele ku Mr. IRVINE wase Qonce apa ukuya into -yena ayici- mravo ngoblobo Iwe taitile ; kanjako ukuba abhalele ku Mr. ROSE-INNES, M L.A., ukuba aze ake aye nase Bateniini xa eze kublangana naba- nvuli bake abase Ngqusbwa. Lento ! yonke ifanelekile, ibomsa ukuba bavaqala ukutungulula Abatembu kwinto zemfanelo zolaulo Jwabo. Kulondawo ke. Siyaqokela sithi wanga ungaba "yay\*b<sup>ona</sup>, I<sup>ento</sup> umzi ontsundu. Lifikile ixesha lokuba sizipendulele. Leletu ilizwe i i elifunekayo kukwezimmi nje. Aba- hlobo betu abamhlope abase rala- mente banokuhamba bati- ga kwisi- rranga esitile, abafundisi betu nabo banokwenjenjalo. Lilizwi lomnya- j ma ngenqu elifu<sup>o</sup>kayo. Ngati simva u Rulumeni na Mangesi eli lizwe bati " Siyayiva, bafundisi, na- " ni bahlobo babantsundu, into eni- ti uyayiteta ontsundu ngalento "naleywa, oluluvo India ngokuba " luluvo olukwalolwenu, side sayi- "qela lento ukuyiva ngani inteto " yabamnyama. Sifuna uxuyiva " ipuma kowake umlomo inteto yo- " mnyama." Ibe ke iyapolelwa inteto emele tina. Kuyinto emnandi kunene kuti ke ukubona ukuba uya- qala uyaswabuluka. umzi njengoku- ba sibona besenjingalo Abatembu.

Maungatandabuzi umzi. Singa- bantu be Nkosazana akuko kumbi. Masingazenzi abantwana besisu, umhlaumbi abantu basemzini kulo- mbuso, kuba ngoko siya kutsbitslie- Iwa sitsbelwe ngamalungelo etu. Ngumsebenzi wetu ngoku ukuba silahlle zonke ingeinga ezingesiko letu oko besisengabantu, sipande eli ke le Nkosazana. Lona ke lise- kwe ekubeni wonke onesikalo ma- kasivakalise saziwe nguye wonke, aze alinge ukuba saziwe ngabo base magunyeni abakuwo kwangemvume nentando yomzi lowo. Injalo le- mpato yamagwangqa.

Siyitanda ngenkululeko yayo nokulingana kwabo bonke abantu pambi komteto. Tina silwaziyo asingeke silwanane olulaulo Iwe Nkosazana nangalupina pantsi kwelanga.

Ukuba kuko namhla into ezininzi ezinganelisiyo lityala letu elo. Into yesidenge idliwa ngolumkile- yo kakade. Akuqali ngati. Lunjalo olulaulo sinalo ngoku. Ulaulo Iwe- li lizwe lunikelwe yi Nkosazana kwintlobo ezintatu zabantu— Abantsundu, Amabhulu, Amangesi ase Bilitani wona. Ute kwababantu zipateni ngokwenu, mna sendiya kongamela ngegama kodwa. Linja- lo elo Mntan' Omhle. Kwayeke kulaula elona qela lininzi e Palamente, ate ke Amangesi wona kuba lento ebeseleyazi kwasekaya awata- bata onke amalungelo awo. Atu- mele abantu baWo odwa e Palamente, zapatwa ngawo izinto ixesha elide. Impato ya Mangesi odwa ayahlukanga nganto kweye Nkosazana ngokwayo. Akubangako nto sikala zizo ke. Kude kwangena u Mr. SPRIGG ekupateni wavusa yena indawo yokuba makenziwe omryama eve ukuba usisicaka ko- mhlope. Lonto uyiqube yavelisa imfazwe. Abone Amabhulu seku- sitiva makaye kulwa engazi ukuba kukuba bekutenina Avuke ke atumela amalungu ohlanga Iwawo e Palamente. Ngawo ke ngoku amaninzi. Yiyo lento sahlutwayo imihlaba ; yiyo lonto sincitshiselwa- yo imali zokuquba imfundo; *yiyiyo* lonto sikakazwa ngotywala obuyi- tyefu singabuvumi. Kufuneka ku- vuke tina ngoku sahambisa imfanelo yetu yokutumela amadoda e Pala- mente zaziya kupela zonke ezizinto zisililisiyo. Kakade itambo linqa- tywa yi bildokwe ibe ingqeqe ibu- kele. Ibildokwe ngamadoda amaninzi e Palamente ke, ingqeqe sithi mhlambi ontsundu ungekabi na- mqulu kwelobandla. Lityala letu ukuba siyalila.

Amanqaku

NJENGOKUBA bukwelelisiwe nje

utywala e Lusutu (itsho i *Journal* ipepa lase Rini) izinto Ziza kancinane efolweni; exesheni liyakude livakale lonke igunya lolaulo Iwa pesheya ko. Iwandle. Yibulanti ete yema endleleni yo- ku ixesha elide.

SEUNGA nowakuti umzi opesheya kwe Nciba ubupantsi kwe Nkosazana, kuba ubu- yakuti wakubutyalela pandle kanye utywala uqale ukutabata ingcambu uhlume pantsi kokupata kwe Pesheya. Kwala ntonina ukuba impato ka Colonel Clarke ingandise- Iwa ukuba ide ifike kwisituba sela Mamfe- ngu na Mabomvana ? Kokona u Rulumeni wa Pesheya angamisa ulaulo olunemfanelo zolo zonke kwizizwe zakowetu. Lonto inga- pumza i Koloni kwindleko enkulu.

SIVUYISEKE kanene ukufumana ukuba i *Journal* iyavumelana uti kumcimbi weso- hlwayo esinzima anikelwe knso u Mr. John Dlakiya ititshala yase Colesberg. Iti: — " Kuyabonakala ukuba sinikwe imbila ma. yelana nomcimbi woknbeta kotitshala wase Kolesberg. Kute kwakutiwa kuko " into, mbi " ebet we yititshala savelana tina nalo. wo ubetiweyo, kodwa ngoku kuyabonakala ukuba kohlwaywe nmntwana otete into eko. hlakeleyo ebuxoki. Asiteteleli ukuba maku- me intonga esikolweni, angaba mhlambi ubetwe kakulu umntwana lowo ; kodwa tina sohlwaya imantyi kunokuba sisohlwaya umntwana lowo mhlambi ititshala. Inya- nga ezintatu ngapandle kokumnika ituba lokuzikulula nmntu! Lento asiyiyo imfa- imfanelo. Kudlelw' indlala, siyatamba ke ukuba ijaji ziyakusibeka nxamnye esisigwe. bo semantyi ngokwegunya lazo. Akuko ngozi ayifumeneyo umntwana ukuba mako- hlwaywe utitshala ngenxa yokunikela iso- hlwayo esinzima, makatiwenina ke umantyi ngokwake ukohlwaya ? "

UMCIMBI wokuvulelwa kwenkantini pesheya ekade siwnxoxa apa kulemiqolo ute wa- kuviwa Pesheya wavusa ingxoxo enkulu. Ibandla elimele nkukusel' abantsundu kwiha<sup>o</sup>- mbiso yesiko eligwenxa lika Rulumeni, libha- lele kwi pakati elikulu le Nkosazana ngayo yona lento. Lifike lemisa inyawo kwinteto ka Mr. Sprigg awayenzayo ngo 1874 e Pala, mente ecase ngokubukali into yokuba ontsu- ndu avulelwe inkantini kuba zimhuhhisa, ekubhubheni kwake ke kuya kubhubha no Koloni le, batatabe inteto nakwelipepa lizi *Mvo Zabants-udu* ukubonisa ukuba lento yenzlwa umzi ontsundu ungavumi benjenjalo bati, kanjako abantu bapesheya kwe Nciba abanzwi e Palamente, enye into abakafu ndiswa amasiko okuzindila aziwayo nga Mangesi. Ontsundu ke uti ukuba uyasela angenzi mlinganiselo. Ngokoke ulaulo Iwe Nkosazana maluncede intlanga ezintsundu. Lenjenje ukupendula ipakati lo Mritan' Omhle :—" Downing Street, Jan. 20, 1886,— Ndotsi,—Ndiyalelwa lipakati le Nkosazana elipatisiwe i Koloni ukuba ndikwazise ukuba iyifumene inewadi yako yo 12 January ekalimela isenzo solaulo Iwase Kapa sokuya, lela inkantini pesheya kwe Nciba. Mandi i ukupendula u Colonel Stanley selebhalele kwi Ruluneli yase Kapa ukuba intumelo ingxelo ngalento yenziweyo. Nalencwadi yenu iyakutonyelwa kuye ukuye ayibo\* "se amapakati ake naye.—Ndim futi njr '-. njelo, R. G. W. Herbert."

OLUDABA ailubekelwa ngumbhaleli wetu okwa Tsolo belufanelwe ukuqwalaselwa In- behle lukangelisiwe ngu Rulumeni:—" Kuso- loko lati laqala ilanga kwaba yimiqodi abantu abavela e Ngqusbwa nakwela Mamfengu ukuba apa befuna indawo ezingati zisa- tyu zisenohlaza kanjako. Ukufuludka kwabo ababantu ubengavnmoli n Rulumeni nku- ba bahambe, kodwa ababantu awungelinga- niswe nanto umnqweno wabo ukuba beze ku Tsolo naku Qumbu; ekuteke nakubeni bebengasvnni omantyi bapikela nkuzimela bona abantu. Abavunyelwa ke ukuba ba- fumane indawo zimantyi zalapa basengo- twali- mphahlana nanamhla. Ngelituba aba- nye sebede bangena e Mampondweni. Aba ngabantu abebekhatala irafu, nditete nje abanye banezikweliti eziminyaka ngamibiri ku Rulumeni. Oluhlobo bap- le ngalo ngoku luteta ingcitakalo yabo. Kulungilena ukuba abantu be Nkosazana babhace ? Ngebe- funelwa indawo. Elixu u Rulumeni adoli- leyo lelixu alahlekwayo."

Impawana.

----- >

Umzi obhalela kwi *Mvo* maungasfdeli uti kutenina ukuba inewadi zawo ziilga- bonakali. Kuya kusisa ngokusa kuti ukuba ipepa eli lincinane; lizala ngapambi kokulindlela kwetu, ngokoke inteto zamadoda azifumani tuba ngexesha kanye esazake abaninizo belindele nati sifuna. Ukwandiswa kwalo kupumle pezu kokungena kwento eninzi yabantu eyakuti ingabinamona ngepenana ezi- mbalwa ezirolelwa ukumisa ilungelo lonizi elikulu njengeli silizamayo. Mfu- ndi, ukuba imali akuyitumeli ngexesha yazi ukuba ungumbulali we *Mvo*, kuba yona imi ngalombali yabo. Yibulale ke sobona.

%\*

Ikhaba nekhakazi eziyakuma ngalo *Tmvo* lelo lihambisa njengale nodana ititi xa itumela ukozo fwayo Iwenyanga ezintatu :—Emjanyane, February 20, 1886. Nkosi, ndifina ukuti kuwe, ndikutu.me- la isheleni ezintatu (3s.); ungati kutenina lento ndilibeke kangaka, ndand<sup>o</sup>ifa, andabinaloke ixesha lokuyitumela lima! yako yo *Mvo Zabantsundu*. Noko ung i- bondingela ngokuti ndingomnye. wa- magogitya. Andikwazi ukuba ndinga- zibulala

ngokwam ; nditi ipepa eli mali- me lingahambi ngenxa yam. Ndisapila yazi ukuba andisoze nditi elipepa lako- wetu malingapumeleli. Andinguye umbulali wohlanga lwakowetu. Māndi- pele apa.—Ndim, P. M.

Lomhlobo u Mr. P. M. ngomnyewama- doda esibeke kuwo intonga. Ukuba u Mr. P. M. lo namadodana ambalwa, namane- nekazi amatatu (el'nyo lise Baten) ni amabini ase Ngqusha ebekufudula kasi- tiwa yi Ngqushwa emnyama) *Imvo* seyafa yangewatywa. Kulondawo P. M. sikunqwenelela intsikelelo.

I Ukuba ufuna uhifo oshwabula ngoku- buhlungu yiya kumzalwana ■wetu opete *Izigidimi* sase Dikeni. Usand' ukuti omnye wababhaleli betu u “Ntola Yo- hlanga ” e (Ligwa) makabe ubedle idila- bhokwe ukuyibhala kwake inewadi ebi- teta ngamakwele nomona lo ubambe umzi ontsundu ukuba uugahlumi. Yabe ke idilabhokwe le iyinto eneziganeko. Yati mhla yadliwa e Lovedale ngo 1880 yadala izidubantini, kwanceda ukuba zasuka zangewatywa zonke ezongxowa zomgubo wayo. Ite mhla yadliwa kwe- nye yelali kwesi somnumzetu u Kania yadala izanga. Kutengwe umgubo apa e Qonce kanti iko kunene kuwo. Idliwe babonakelo abantu balomzi sebengati bake batambisa imicondo bonke. Yasu- ka yasimanga kuba ababantu ngabase sikolweni. Kute indlu izele ngabantu abaze kufuna izikotile yabonakala isuka indoda enkulu yalomzi ikulula ingubo zonke yema ze. Itabate ingubo yokulala yazigqubutela yanga lyalala. Yala idPa- bhokwe. Ivukile yati yakukangela ba- suka abantwana babonakala beiana ne- nkunku. Dike ngokwayo indlu ite gwi- tyi zinkunku ; ibavutuze ngeblankete— “Tyip! Tyip! Tyip. ’ ” yabakuna nge- mnyango. Zinjalo iziganeko zedilabho- kwe.

\*\*\*

U Eliza Soka (wase Qonce) makeze ku- tabata kuti inewadi yake awayeyibhalele kumntu angamxelahga, Car Of Rev. Jabavu, Diamond Fields, Dullfataitioner.’ Kute kuba akaziwa u “Rev. Jabavu” e Dayimani (nati asimazi) yasuka yatunye- Iwa kule ofisi ye *Mvo*. Le yenye yala- ntaba yenewadi ezingaziwa bani e Dayimani.

## Ezababhaleli.

UKULINYWA KWE COTTON

E TRANSKEI.

MHLELI we *Mvo Zabantsundu*.—Kau- ncede ufake kwelopepa lako libekékileyo lemigcana. Ngexesha eFingel«B] ligoi- tilo ndabona emapepeni ukuw u Mr. Cawood wase Rini unembewuW\* cotton amana eyabela abayifunayo. Ndafunda kanjako ukuba u Mr. Bell imantyi yase Dutywa yenza irrizamo ukuba ilinywe ngabantsundu abapeteyo kumandla wayo.

Ukuba kuko inkutalo ezinganyiisa umntu ontsundu e Transkei apa ayiko engagqita ukuliny wa kwe cotton. Eyona nto konke oku ebixhasa umntu ontsundu e Transkei apa nase Koloni bubo ya be- gusha; kodwa ngoku kmnhlope kubo bonke abantu abanento zokwenza noboya ukuba buhle ngokugqitileyo ngenani, kangangokuba bubuye ngeneno kokuba bungabinamsebenzi.’ Imalike yase London etenga bonke uboya behlabati—ayi- bukatalele uboya helilizwe. Uboya base Australia, New Zealand nobase River Plate e America obusetyenziswa kakuhle ngengqondo, nangobugeisa buvela kwi- gusha ezine gazi elilungileyb. Bnbete bagqunyelelwa obelilizwe’ bobo (ekutiwa bufutshane, bune bhula, busetyenzwa ngobudenge nangapandle kwenyameko).

Ke ngoko kuyabonakala ukuba ngapandle kokuba umntu ontsundu abe nefa-



# DYER DYER

E-QONCE, E-MONTI, E-KOMANI,

Batengisa lempahla ibalulwayo ngezantsi ngamaxabiso agqitiseleyo ngobuncinane:

## Ingcawa Zoboya.

Imatrasi zase Mkosini ezinemigca  
Imatrasi ezinemigca zase Zikepeni  
Imatrasi ezinemigca zase Witney

## AMABHAYI

Entlobo zonke zobukulu.

## IQIYA YOKUFINYA

Amabhali amane, zintlobo ezintsha zona

## IBHULUKWE ZEKODI,

Ezingqingqwa, zentlobo zonke zambala.

## IZAMBULELE, NEZAMALEDI

## I-PRINTI

Zikwibhokisi ezimashumi mabini, zentlobo eziketiwewayo zona.

Ingubo Ezitambileyo Zokulala,  
Zentlobo zontatu zokuhonjiswa.

## INTSIMBI ZEMIQALA

Zamabala ngamabala nobukulu ngobukulu.

## IZIPILI

Ezingqukuva Nezinembombo nezixaswe ngemiti.

## KANJAKO,

Izitya ezinjengenkumntye, njalo  
njalo.

Izinto ezidliwayo, Neziselwayo.

*Izinto zokwaka, zokuvatisa indlu.*

Nezisetyenziswa Ekulimeni,

NJALO, NJALO, NJALO.

## DYER & DYER.

Sivela kwa Rulumeni.

KUTYAZISWA ukuba yonke Iminikelo yomhlaba neyezindlu yo-nyaka omdala opele ngo 31st Decem-ber, 1885, izirolwe kule Ofisi ngo 31st March, 1886, nokuba kungapambili kweloxesha.

Lakugqita elixesha abangabata- langa bayakupatwa ngokomteto be-Dgabuyanga baziswe.

Iminikelo engapantsi komteto we 14 we 1878 nemali yeziqiniselelo epantsi komteto we 37 we 1882 lixa lokuba zibatalwe.

Kwinkundla yamatyala e-Qonce,  
January 4, 1886v

W. B. CHALMERS,  
Imantyi.

ISAZISO.

INTLANGANISO yamadodana Esiko Lokungaluki yoba se Zeleni (Dorington) ngo 30 March 1886, ngolwesi-Bini evekini; yoqala Ugo 10 o'clock kusasa.

ELIJAH BAKACO,  
Umhlahi

Peel ton, March 1, 1886. 3 t 10

Isaziso Kubahambi.

TT. GEORGE WILLIAM A. RADASI VJ wase Mpofo. Uyazisa kubo bonke abahambi ukuba kuko i POST CART esuka Empofo (Seymour) eya e Bofolo (Fort Beaufort), ibuye ngo Mgqibelo, yenjenjalo bonke Olwesiblanu ne Mgqibelo.

Ixabiso lishumi Inatlanu (15a.) leaheleni Egomntu omnye. Kunokukwela isitatu eabantu kuyo.

J. RADASI.

Seymour, 6 August, 1885.

Ititshala Ekuncedisa.

KUFUNWA, kwi Semnari yase S. Luke's

Enxaruni, ITITSHALA EYAKUNCEDISA. Onga anganikwa indawo leyo makafhalelo nge Singesi axele nexabiso lomvuzo angalibizayo ku Rev. R. W. STUMBLE, Newlands, via Fort Jackson, East London. 2tc

Hausele Imvo Zabantu ngabantu nge

## Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqa- qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

*Hkwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.*

Benjenje ukulincoma ubake balilinga :— "Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisea, ndapumla kamnandi ebnsuku, into ebendineveki ndi ngasayazi, ngoku ndipilile."

Wenjenje wumbi:—"Eliyeza lindipilise ugokungumangaliso. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangakokuba beku- euka kube yinqaba ukuma ukuba ndike nda. hlala. Bendingasena kutoba kuba bendi- xigeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti:—" Benditwele ubuhlungu ebukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindinceda kanye."

" Ndingarola," utsho omnye, " iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqi. tileyo ndite ndakumatela ibotile yokuqala nmafazi warn, wabengana kupakama ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga ; ngalo Mgqibelo uhleli esitulweni."

Uti omnye: " Lindenzele kanye lonto ubute liyakundzela, uku ndipilisa ekutya- tyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincoma umntu, alisiyiyi inko- hliso njengamanye."

Yiyo le enye inteto : " Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedkile bonke abalilingileyo, andikeva mntu lingamucca- nga."

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kungazalisa lonke ipopi  
*Eliyeza inoku yalezwa knzo- zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kuminilo ngokutumeta 3s. 6d. ngebotile, ongn*

JAMES JONES,

46 LONG STREET, CAPE

ANDREW GONTSHI,

Umteteleli ematyaleni,

Aloeville, Kei River,

TRANSKEI

JEREMIAH KUZANE,

Umteteleli Ematyaleni,

JKwa Tsolo; ukwakufupi

kwa Qumbu.

## JOHN J. IRVINE & CO

abatenga impahla kwamanye amazwe,

Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,  
Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla; emfutshane,

BEMPONDO,

*Nokudla, njalo ' njalo.*

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngoiidawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo eakiilu kumagumbi ngainagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo psitenga kuyo impahla yezi zitora zetu "bitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwepjenja- lo ke sondele ekufumaiini eyona mpahla itshat^Jieleyo ngamaxabiso apantsi

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- nto oshkuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.

H. S. WAUGH & CO.,

THE AECA.DE,

QUEEN'S TOWN.

UMZI ontsundu ose Komani, e Hewn, e Skapu, e Kama- stone, ku Ndlovukazl, kuzipaluka zase Batenjini, na- kuyo yonke imimandla yeli-pezu maungatengi nantonina ungakanga uyokuzanelisa kwimpahla entle kunene netengiswa ngawona maxabiso apantsi kwa H. S. WAUGH & CO., the, Arcade, e Komani (Queenstown).

Banempahla yentlobo zonke ezaziwayo kumkondo we—

## NGUBO ZAMADODA:

Ibhulukwe, Ibhathi, Ibhathi ezinkulu ze- ngqele nezilula zokuhomba, Isuti, Ihempe, Iminqwazi, Ikresbhanti, namaqina.

Izihlangu zentlobo zonke.

## Impahla Yamaledi:

Ilinzi, Ikeleko, Ikeshmiya, Iprint ziqala kwitiki iyadi.

Ihen setini, Iprinti ezibusetinira zohlobo olutsha zona.

## Kwimpahla eyenziwe ngoboya.

Ikausi zamaledi, nezamadoda, ingubo zangapantsi zentlobo

onke impahla yokutshata itengwa apa, eseyenziwe, enokwenzelwa ofunayo ngexesha elifutshane.

Izambrela zamaledi, Izitezi, I-Gloves zabatshatayo.

I-Lace yentlobo ezininzi Namakaka (Frillings).

Iminqwazi eseyihonjisiwe, ne Bonet.

Impahlana eninzi yamaledi yentlobo zonke.—Intvatvambo zomtshato Nentsiba, njalo njalo.

Nifikile e Komani buzani kuqala indlu ka

H. S. WAUGH & CO.,

QUEEN'S TOWN.